Ngeli xa uMzantsi Afrika uneelwimi zaseburhulumenteni ezilishumi elinanye, zintathu iilwimi ezibalaseleyo eNtshona Koloni, zezi, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. Ngoko ke uLawulo lwaseNtshona Koloni lugqibe ekubeni ezi lwimi zintathu zithathwe njengeelwimi zaseburhulumenteni zeli phondo kwaye luwise umthetho ngoko. Injongo yowiso-mthetho nomgaqo-nkqubo oxhasayo kukuba ezi lwimi zintathu zisetyenziswe ngokulinganayo kulawulo naphakathi kwabasebenzi, kunxibelelwano lonke nowonke-wonke nakuqhakamshelwano namashishini amaninzi ohlukeneyo, imibutho nabaxumi ngabanye ekufuneka benxibelelene nolawulo lwephondo nokusebenza kwalo. Aba bamva bachazwa ‘njengababandakanyekayo’ boLawulo.

IKomiti yoLwimi yaseNtshona Koloni yasekwa ngokwemigqaliselo yowiso-mthetho ukuba ihlole kwaye iphonononge ukuba uxanduva olungolwimi lulandelwa kangakanani na kwaye ixhase ulawulo xa luhlangabezana neenjongo zolwimi.

Ukuze iKomiti yoLwimi ikwazi ukunika izikhokelo kumsebenzi wayo, iye yenza uphando olukholose ngamava olungendlela yeenkqubo zolwimi, izidingo neengxaki ezinxulumene nokusetyenziswa kolwimi kwiinkalo zonke. Emveni kokuba kwenziwe inkqubo yokuxatyiswa komsebenzi, uphando lwenziwa nguMarkData (Pty) Ltd kwaye ke iziphumo zoko ziqulethwe kule ngxelo. Injongo ezicwangcisiweyo zophando zandlaliwe ngokucacileyo kuxwebhu olunamathelisiweyo kodwa zingaphawulwa ngokufutshane njengezi zilandelayo:

- Ukuphicotha ukuba amagosa aphezulu kuLawulo akuqonda njani na okuthethwa ngumgaqo wolwimi neengxaki ekudityanwa nazo ekuphunyezweni kwale mithetho.

- Ukuchaza nokuxabisa ubuninzi bendlela yeenkqubo zokusetyenziswa kolwimi nobuchule phakathi kwabasebenzi abakuLawulo nezidingo neengxaki ezivelayo kunxibelelwano ngolwimi imihla ngemihla.
- Ukuchaza nokuvavanya ukuba izidingo zolwimi noko kukhethwa nguwonke-wonke kujongwana nako njani kunxibelelwano noLawulo.
- Ukuphawula, ukuphonononga nokuchaza imo yonxibelelwano olusekwe kulwimi nabo babandakanyekayo kwaye nazo naziphi iingxaki ezinokuvela kule ndawo.

Ezi njongo zalandelwa kuphando olwalunezi zigqeba zilandelayo:

1. Kudliwano-ndlebe olucokisisiweyo phakathi kwamagosa aphezulu nokutolikwa kweempendulo zawo
2. Udliwano-ndlebe nabaqeshwa abali-1040 abakhethwe nje kumasebe ohlukeneyo kuqukwa amanqanaba ohlukeneyo ngokwamazinga aphezulu emsebenzini.
3. Uphononongo phakathi kwabantu abaxubileyo, isampulu yamalungu angama-862 kawonke-wonke kwiphondo gabalala.
4. Udliwanondlebe olungqalileyo phakathi kwababandakanyekayo abangama-284.

Lonke udliwano-ndlebe lwaluqhuytwa ngabasebenzi baphandle abaqeqeshiweyo kwaye la maqela ayesoloko efaka abantu abazithetha kakuhle zontathu ezi lwimi.

Iinkcukacha zazisetyenzwa ngekhompyutha kwaye izintlu ezineenkukacha zeziphumo zifakelwe kwiNgxelo. Esi sishwankathelo sidibanisa iingongoma eziphambili nemiphumela yengxelo etolikayo engeniswe kwikomiti yolwimi.

Njengoko ingxelo yolu phando ibonisa, uphando ngosetyenziso nezidingo zolwimi ayinakuba ngumsetyenzana ozenzekelayo. Ukutolikwa nokuhlelwa kweziphumo kufuneka kujonge izinto ezintsokothileyo ngendlela iilwimi ezisetyenziswa ngayo kuqhakamshelwano. Izidingo nokulindelekileyo ngokunxulumene nolwimi kuchatshazelwa yimo yentlalo, ukulwazi kakuhle ulwimi nomoya okhoyo nomgangatho wonxibelelwano kwiimeko eziphononongiweyo. Yiyo loo nto olu phicotho lungenakuba ngumsetyenzana wokubala ubuninzi kuphela kodwa kufuneka uhlole iindlela zenkqubo eziphawuliweyo kwisimo sentlalo sabantu nesombutho.

8.2 Udliwano-ndlebe olucokisisiweyo

8.2.1 Intshayelelo

Isigaba soku-1 senkqubo yoPhicotho lweeLwimi sibandakanye ukubanjwa kodliwano-ndlebe olunzulu neqela labaphathi abakhulu kumasebe ngamasebe eli phondo.

8.2.2 Okwenzekayo ikakhulu

Okona kwenzekayo ikakhulu ibe koku kulandelayo:

Okwenzeka Jikelele

- Ezona zinto ziphambili ezinempembelelo, kwimo yeelwimi yesebe elithile okanye yeCandelo elithile loLawulo eliyiNtloko kunye nendlela amasebe okanye amaCandelo oLawulo aziiNtloko awuvisisa nawusebenzisa ngayo uMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni kunye noMthetho weLwimi zeNtshona Koloni ka 1998, lulwazi ngeelwimi nendlela iintloko zamasebe ndawonye nabaphathi abakhulu abathatha ngayo umgaqo-nkqubo weli Phondo owamkela iilwimi ezintathu.

- Uninzi lwabo babuzwe imibuzo babonakalise ukungabinalwazi ngeendlela amaqela athile awuthatha ngayo umcimbi weelwimi kwaneengxaki adibana nazo, ndawonye neziganeko ezadlulayo ezingunobangela woko. Umba wamalungelo oluntu ngokubhekiselele kwiilwimi nomba wobudlelwano phakathi kolwimi namandla kufumaniseke ukuba zizinto apha ezingekaqondwa kakuhle okanye ezingekaqondwa kwa ukuqondwa oku.

UMthetho weelwimi zePhondo leNtshona Koloni kunye nomgaqo-nkqubo weelwimi

- Abantu abaninzi ababuzwe imibuzo bavumile ukuba abazanga bawubone uMthetho weelwimi zeNtshona Koloni nangona beyazi nje into yokuba zintathu iilwimi zaseburhulumenteni kweli phondo. Kufumaniseke ukuba abo babuzwe imibuzo banolwazi olubhetele ngedrafti yoMgaqo-nkqubo weelwimi kunoMthetho weelwimi.
- Kufumaniseke, ngokubanzi, ukuba abo babuzwe imibuzo bakhetha indlela yosetyenziso lweelwimi enika ingqwalaselo ezona mfuno zokwenene kunye nobume beelwimi kweli phondo, endaweni yomgaqo-nkqubo onyanzelisa ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu kuzo zonke iimeko.

Uqhagamshelwano lwangaphakathi

- Uqhagamshelwano lwangaphakathi, ubukhulu becala, luqhutywa ngeelwimi ezimbini, isiBhulu nesiNgesi, nangona ezo lwimi zingasetyenziswa ngokulinganayo ngalo lonke ixesha.
- Amanye amaxwebhu olawulo lwangaphakathi ayafumaneka nangesiXhosa, kodwa asingawo wonke amasebe athe iyenzeka loo nto akwazileyo ukusinika imizekelo yoko.
- Inkqubo jikelele yeyokuba udliwano-ndlebe neengxoxo zolweluleko ziqhutywa ngolwimi olukhethwe ngulowo ubuzwa imibuzo. Kuthiwa phofu, ngokwesiqhelo loo nto ixhomekeka kulwimi olwaziwa ligqiza elo lijongene nalo mcimbi.

- Xa kukho abantu abantetho isisiXhosa uqhagamshelwano ngomlomo ludla ngokuguqukela esiNgesini. Nangona icatshukelwa kanaanjalo ichaswa nje loo nkqubo, zibe mbalwa izisombululo eziphakanyisiweyo ngaphandle kolo setyenziso lweelwimi ezimbini njengoko kukhankanywe ngentla apha.
- Uninzi lwabaPhathi abaKhulu bathe bebengathanda ukuba nolwazana noko lwesiXhosa. Nangona kunjalo, akukho namnye kubo othatha ulwazi lwesiXhosa njengento ebalulekileyo ekuqhubeni umsebenzi wakhe okwangoku.

Umgaqo-nkqubo weelwimi ezisetyenziswa xa kuqhagamshelwana nabangaphandle

- Abo babuzwe imibuzo babonakalise uvakalelo ngokubhekiselele kwiimfuno zeelwimi zoluntu jikelele ekuqhagamshelwana nalo. Kodwa asingawo wonke amasebe akwazileyo ukulubonakalisa ngemizekelo ephathekayo olo vakalelo.
- Wonke amasebe athi kwimbalelwano asebenzisa inkqubo yokuphendula ngolwimi abhalelwe ngalo.

Ukwaziwa kweelwimi ngabaphathi abakhulu

- Babembalwa kakhulu abaphathi abakhulu abafumaneka benolwazi oluphathekayo lwesiXhosa.
- Wonke ubani uvumelana ngelithi izifundo zesiXhosa ezithatha iintsuku ezintathu ze*Cape Academy* azanelanga kwaphela kwaye aziqhubeki ngalo lonke ixesha.

Ulwimi nomgaqo-nkqubo wokuqesha

- Ukubanolwazi lweelwimi ezintathu zaseburhulumenteni zeli phondo kungoku nje akuncedi nganto kwiinkcazo-msebenzi nakwimivuzo. Eyona nto idla ngokufuneka kukuba umntu azi iilwimi ezimbini okanye ezintathu kwiilwimi zaseburhulumenteni beNtshona Koloni.

liNkonzo zeeLwimi

- Intlaninge yabantu ababuzwe imibuzo ibonakalise ukunganeliseki ngumgangatho weenkonzo zoguqulo-lwimi ezibonelelwa liCandelo leeNkonzo zeeLwimi zeli phondo. Eyona nto ekuthiwe ayanelisi kakhulu lixesha elithatyathwayo xa kuguqulelwa kolunye ulwimi.
- Intlaninge yamasebe isebenzisa iinkqubo zoguqulo-lwimi notoliko ezingekho mgangathweni wobugcisa.

Uhlalo-lwabiwo mali

- Amasebe akanalo uhlalo-lwabiwo mali oluzimeleyo lweenkonzo zeeLwimi. liNkonzo zeeLwimi zixhomekeka kwiimali ezabelwe ulawulo ngokubanzi.

Izinto ekuphuyelelweyo kuzo

- Sinikwe intlaninge yemizekelo apho umgaqo-nkqubo weelwimi ezintathu uthe waba nokusetyenziswa ngobuchule nangempumelelo. Iinkcukacha zaloo mcimbi zifumaneka phaya kwingxelo.
- Amasebe amanininzi azive enelunda ngamaxwebhu emigaqo-nkqubo abhalwe ngeelwimi ezintathu abe nako ukuwapapasha. Iye yacaca into yokuba ube mkhulu umsebenzi owenziweyo xa bekuqulunqwa loo maxwebhu.

8.2.3 Iziphakamiso

8.2.3.1 Ezexesha elizayo

Ukuba injongo kukusebenzisa uMgaqo-nkqubo weelwimi ngokufanayo nangempumelelo, kananjalo ngaxesha-nye ibe iphetshwa ingxaki yokuba yonke into ibhalwe ngazo zontathu ilwimi ukuze ifikelele kuye wonke ubani, bonke abemi abasigxina beNtshona Koloni kufuneka, ubuncinane, bazazi kananjalo bakwazi ukuzifunda zontathu iilwimi zaseburhulumenteni. Le asinto ingenakufikelelwa; kakade uninzi lwabantu abantsundu eMzantsi Afrika bazi iilwimi ezintathu ubuncinane.

Mininzi imiba ephawuliweyo enokuba negalelo ekuphumezeni loo njongo:

- Ukunxibelelana nangakumbi kwabantu abantetho zingafaniyo ngokuthi baxhotyiswe ngezozoqosho nobulungisa kwezengqesho.
- Ukubekwa kwesiBhulu nesiXhosa kumgangatho ofanayo ngendlela yobulungisa ngokuthi abantu bafundiswe nangakumbi ngamalungelo abo ngokubhekiselele kwiilwimi kunye nenzuzo efumaneka kuqhagamshelwano olululo.
- Ukuqhutywa kweenkqubo ezingatshitshiyo zokufundisa nokufunda ngeelwimi ezikolweni, kananjalo kufuneka ukuba ezo nkqubo ziqhutywe ngabefundisi-ntsapho abafundisa ngeelwimi kumabanga aphantsi.
- Ukuqesha nokwenza izibonelelo zokuvuzwa ngenxa yokuzazi zontathu iilwimi zaseburhulumenteni kwicandelo lolawulo lwephondo.

Umcimbi ngamnye kule ingentla apha uya kufuna ukuba kuqulunqwe isicwangciso sokusebenza sethuba elide kananjalo kubekho neendlela ezithile eziyimfuneko kunye nezinto eziluncedo eziyimfuneko eziya kuxhasa loo micimbi.

Intloko yeSebe leMicimbi yezokuSingqongileyo neNkcubeko kunye nezeMidlalo igxininise kwelokuba ukuqaliswa kokusetyenziswa koMthetho weLwimi kufuneka kuthatyathwe njengenkqubo ekuya kufuneka ukuba ithathe ixesha elide njengoko kuya kufuneka ukuba kuqala kubekho izinto namaziko ayimfuneko. Uthe mayilunyukelwe into yokuqesha abantu ngoku imeko isenje, nto leyo inokwenza ukuba abantu bazifumane bengenanto yakwenza kananjalo, nto leyo inokuba ziindleko apha ekuhambeni kwexesha.

8.2.3.2 Okwangoku

Into ephambili ekusebenziseni umgaqo-nkqubo wezeelwimi kukwazi ukukhetha phakathi kwezinto ezimbini, oko kukuthi phakathi kokusebenzisa indlela yezomthetho engqongqo nendlela engengqongqo. Nangona sinokuvumelana nabo babuzwe imibuzo ngelithi ukusetyenziswa koMthetho weeLwimi ngendlela engqongqo kunokuzala amaxwebhu aguquliweyo abiza kakhulu ‘angafundwamntu’, ifumanisekile nenyano yokuba kukho *nokuhamba kancinane* okhuthazwa ngakumbi ngamasebe angenzi nto ingako ngokubhekiselele ekufezekiseni okuqulethwe kuMthetho weeLwimi. Iziphakamiso ezingezantsi apha kufuneka zibonwe ngokwezo ziphumo.

- Isebe ngalinye kufuneka lize nezicwangciso zeminyaka emihlanu zokwenza ubulungisa ngokubhekiselele kwiilwimi, oko kusenziwa ngokwemiqathango yoMthetho weeLwimi, ngokobukho bezinto okanye abantu bokusebenza apha ngaphakathi kwisebe nangokweemfuno zabantu. Isicwangciso seelwimi kufuneka sibandakanye imiba efuna ukuqwalaselwa ngokukhawuleza nezathuzelwe kakuhle, izicwangciso ezichaza okuza kwenziwa, ulwabiwo lwezinto eziluncedo nabantu bokusebenza, ithuba ekuzakwenziwa ngalo loo msebenzi kunye nohlahlo-lwabiwo mali. Imiqathango equlethwe sisicwangciso sokusetyenziswa kweelwimi ngendlela enobulungisa kufuneka yenziwe umthetho.
- ICandelo leeNkonzo zePhondo kufuneka libonelele ngenkxaso efunekayo ukuze izicwangciso ezo zibe nokusetyenziswa.
- ICandelo lephondo leeNkonzo zeeLwimi kufuneka linatyiswe ukuze kufezekiswe iimfuno zamasebe. Isebe ngalinye kufuneka lichaze iimfuno zalo kwaye kufuneka kuthunyelwe abasebenzi abathile abafunekayo kwelo sebe. Amasebe amancinane angabelana ngabasebenzi abathunyelwe kuwo. Akunyanzelekanga ukuba abo basebenzi babe ngabasebenzi abasigxina, basenokubandakanya abantu okanye amaziko azimeleyo. IiNkonzo zeeLwimi kufuneka zihlale ziphantsi kolawulo olukwindawo enye. Amandla olawulo lwabalawuli abakhoyo kwiCandelo leeNkonzo zeeLwimi kufuneka ongezwe. Kucetyiswa ukuba iiNkonzo

zeeLwimi zeSebe lezeMfundo, eleNkcubeko nezeLifa kufuneka zihlengahlengiswe ukuze zibe yinxalenye yeNkonzo yeeLwimi elawulwa kwindawo enye.

- Kuphakanyiswa ukuba, ngaphezu koko. iCandelo leeNkonzo zeeLwimi:
- Kufuneka liqhagamshelane ne*Cape Academy* ukuze ukufundwa, okuqhubeka ngalo lonke ixesha, kweelwimi zontathu zaseburhulumenteni kube yinto enokufikelelwa ngabo bonke abasebenzi bolawulo lwephondo.
- Kufuneka lizame ukufumanisa ukuba ootoliki abakwindlu yowiso-mthetho abanakusebenza kusini na kuwo wonke amasebe xa kukho imfuneko yoko, njenga xa kubanjwe iingxoxo zokweluleka.

Kufuneka kubekho amaphulo okwazisa ukuze kulungiswe imo yokuswela ulwazi nomoya ongathandekiyo ngokubhekiselele kwezi zinto zilandelayo: uMthetho weeLwimi ngokwawo, amalungelo abantu ngokubhekiselele kwiilwimi, utoliko noguqulo-lwimi njengezakhono zobungcali, kunye neengcinga ezingezizo ngeelwimi.

- Amabali ngempumelelo ethe yabakho aba yimiyalezo eluncedo nenamandla kwaye kufuneka ukuba kuvulwe amathuba okuwancoma nawokwazisa ngawo loo mabali.
- IKomiti yeeLwimi zePhondo inoxanduva lokuba ngumphembeleli wesiphakamiso ngasinye kwezi ziphakamiso.

8.3 Iindlela zenkqubo zolwimi phakathi kwabaqeshwa kulawulo

Xa ujonge ezi ziphumo kufuneka umntu ayiphawule into yokuba ama-53% abaqeshwa athetha isiBhulu, ama-20% isiNgesi ukuze i-13% lithethe isiXhosa. Ngoko ke oku kungalingani kuyazichaphazela iindlela zenkqubo zokusetyenziswa kolwimi. Kwakhona ukwabiwa kolwimi kulo naliphi iSebe, icandelo okanye kwindawo yokusebenza kungohluka kakhulu kwaye iziphumo kufuneka zitolikwe kakuhle.

8.3.1 Ukwaneliseka komqeshwa nombala wolwimi

Ukuhlolwa kwemo yasemsebenzini kubonisa ukuba ukungoneliseki kuviwa liqela labasebenzi abangaphezulu nje kancinci kwisiqingatha. Iimpendulo zabo ebezizizela nje lula zibonise imiba eyahlukeneyo neengxaki kodwa iqedlana elingaphantsi kwe-3% liye laphawula ngemiba yolwimi. Inqanaba yayileliphezulu phakathi kwabo bantetho isisiXhosa lisondele kuma-20%. Babembalwa phakathi kwabo bantetho isisiXhosa ababelubona ulwimi njengomqobo kuqhakamshelwano kodwa phakathi kwaba baqeshwa sisi-5% abacebisa ukuba kubekho inguqu kwindlela yenkqubo yokusetyenziswa kolwimi. Abanye bacebisa ngoqeqesho kulwimi nangokuba kusetyenziswe iitoliki.

8.3.2 Iindlela zenkqubo namanqanaba okusetyenziswa kolwimi

Esikufumeneyo esiye sakuphonononga kusixelela ngokubanzi oku kulandelayo:

- Isibhulu sivele silolona lwimi longamileyo kunxibelelwano lomlomo nakokubhaliweyo **phakathi** kwamasebe **nakunxibelelwano** nowonkewonke nakwicandelo langasese.
- Oku akothusi kuba bangaphezu kwama-50% abasebenzi abathetha isibhulu kwaye isibhulu lulona lwimi luninzi phakathi kukawonke-wonke.
- Ukusetyenziswa kwesiNgesi, noko kuphezulu kunoko bekulindelekile xa kujongwa ukwahlulelana kweelwimi zasekhaya.
- Kunxibelelwano **phakathi** kwamasebe **nakunxibelelwano olubhaliweyo nolushicilelweyo** usetyenziso lwesiNgesi lunyuka ngakumbi.
- Abasebenzi abantetho isisiXhosa baphakathi kwe-13% ukuya kwi-14%, ngoko ke oku kubonisa usetyenziso lwesiXhosa lunqongophele kunxibelelwano lwaseburhulumenteni. Abasebenzi abaphakathi kwama-75% ukuya kuma-85% banika ingxelo yokuba isisiXhosa asisetyenziswa konke.

- Ukungalingani kosetyenziso lwezi lwimi zintathu kuyehla xa abathethi bezi lwimi benika ingxelo ngosetyenziso. Kungenxa yokuba kubonakala ngathi kukho ukudibana kwabasebenzisi bezi lwimi kumacandelo okuthi kubavumele ukuba basebenzise iilwimi zabo ngaphezu kokuba iindlela zenkqubo zosetyenziso lolwimi zibonisa.
- Indlela yenkqubo yokusetyenziswa kolwimi **ezintlanganisweni** ibonisa indlela yenkqubo enomdla kwaye efanelekileyo. Ama-50% abantetho isisiBhulu, ama-40% abantetho isisiNgesi ne-4% abantetho isisiXhosa banika ingxelo yokuba iilwimi zabo ziyasetyenziswa ngaphezulu kwesiqingatha sexesha. Kucacile ukuba abantetho isisiXhosa banengxaki ebonakalayo.
 - Abaqeshwa abangama-85 % banika ingxelo yokuba isiXhosa asisetyenziswa konke kwiintlanganiso. Phakathi kwabantetho isisiXhosa inqanaba laxelwa njengelizantsi — malunga nama-50% abantetho isisiXhosa abanika ingxelo yokuba ulwimi lwabo alufane lusetyenziswe. Oku kubonisa umphumela wokunqumbana kwabantu abathetha ulwimi lwenkobe. Kwakhona, ama-40% abantetho isisiXhosa banika ingxelo yokuba baziva bekhululekile ukusebenzisa ulwimi lwabo ezintlanganisweni, kwaye ama-40% abantetho isisiXhosa banika ingxelo yokuba abantetho isisiBhulu baziva bekhululekile ukusebenzisa ulwimi lwabo ezintlanganisweni. Inqaku elibalulekileyo kukuba naxa indlela yenkqubo iyonke yosetyenziso lolwimi ibonisa ukukhutshelwa ngaphandle kwesiXhosa, malunga nesine kwishumi kwabo bantetho isisiXhosa baziva bekhululekile ukusebenzisa iilwimi zabo ezintlanganisweni. **Kucacile ukuba amanqanaba osetyenziso lweelwimi kwiintlanganiso nakwezinye iimeko, kwenziwa yinto yokuba abaqeshwa baziva benyanzelekile. Ukufuna ukusebenzisa ezinye iilwimi, isikakhulu isiNgesi, kunye nemiphumela yokunqumbana kuyawehlisa umphumela wokungalingani kwiilwimi.**

- Phakathi kwabantetho isisiBhulu nabo bantetho isisiNgesi kuncinci kakhulu ukungoneliseki ngokubhekiselele kusetyenziso lolwimi. Bangaphantsi kwe-15% kumaqela ezi lwimi ababona izidingo zabo zolwimi zingahlangatyezwa, i-3% okanye ngaphantsi bakhathazekile kwaye phakathi kwabo bamalunga ne-1% ebacaphukisayo le meko.
- Phakathi kwabantetho isisiXhosa ama-50% azivela ezabo iimfuno zolwimi zingahlangatyezwa. Isiqingatha seli nani siyahlupheka ukuze i-10% licatshukiswe yile meko.
- Kukho ukwahlukahlukana kusetyenziso lolwimi phakathi kwamasebe. Kwinkonzo yonke ama-80% azivela ekhululekile ukusebenzisa ulwimi lwenkobe, ama-70% azifumana iilwimi zabo zisetyenziswa kangangoko ukuze babekwisithuba se-15% abathi ukuzikhethela ulwimi akuhlangatyezwa. Kukho amasebe apho inani lilikhulu labo babona zingahlangatyezwa iimfuno zabo, nanga, iSebe loLawulo lwePhondo, elezeMfundo eleMicimbi yezoQoqosho, eloLimo noKhenketho neLowiso-mthetho.
- Ngeli xesha i-5% yabaqeshwa nje ngokubanzi icatshukiswa yile meko, oku kucaphuka kuyenyuka ngaphezu kwe-10% kwiSebe loKhuseleko loLuntu nakwicandelo loWiso-mthetho.

8.3.3 Okwenziwa ngabaqeshwa ngokubanzi ngokubhekiselele kusetyenziso lolwimi nabakukhethayo

Ukongeza kuphando lweendlela zenkqubo zokusetyenziswa kolwimi kwiimeko ezithile, amacandelo namasebe, ukushukuma kwabaqeshwa kusetyenziso lolwimi noko bakukhethayo kwaye kwahlolwa.

Uninzi lwabantetho isisiBhulu nesiNgesi babona iilwimi zabo zisetyenziswa kangangoko kufuneka. Iqaqobana elingavakalelwa ngolo hlobo, liyonwatyiswa kukusebenzisa ezinye iilwimi. Bamalunga ne-9% abantetho isisiBhulu ukuze babemalunga ne-14% abantetho isisiNgesi abakhetha ukusetyenziswa kakhulu kweelwimi zabo, bambalwa abaziva behlutshwa yile meko. Phakathi kwabo bantetho isisiXhosa bamalunga nama-40% abasibona

isiXhosa sisetyenziswa ngokwaneleyo. Ngeli xa i-9% yonwabela ukusebenzisa isiNgesi, bamalunga nama-50% abakhetha ukuba ulwimi lwabo inga lungasetyenziswa ngakumbi, phakathi kwabo i-10% likhathazekile yile meko.

Kwangaxesha nye, bonke abantetho isisiBhulu, abantetho isisiNgesi nabantetho isisiXhosa bavakalisa ukukhetha kwabo ukuba kusetyenziswe iilwimi zabo kuqhakamshelwano kwiindawo zokusebenza. Ukongeza, phofu njengokuba neziphumo eziphononongwe ngasentla zibonisa, oku kuzinikela akuthethi loo nto malunga neelwimi zasekhaya. Oku kuye kwacaca xa abaqeshwa kwathiwa mabaxele iilwimi abazibona zifanelekile kwimiba eyahlukeneyo yomsebenzi. Abaqeshwa bakhomba iilwimi zesibini nezesithathu njengeelwimi emazisetyenziswe emsebenzini, ngolu hlobo, isiNgesi silandelwa sisiBhulu nesiXhosa. Naxa isiXhosa safumana elona nqanaba lisezantsi, sakhethwa sisinye kwisithathu sabaqeshwa abantetho isisiBhulu nesiNgesi. Ngokubhekiselele kumagalelo okanye kwiinkqubo ezinjengezi, iifomu zabasebenzi, izaziso, ukuphulaphulwa kwamatyala oluleko, udliwano-ndlebe lomsebenzi noqeqesho, abantetho isisiNgesi bakhetha isiNgesi. Abantetho isisiBhulu, kwelinye icala bakhetha isiNgesi kunokukhetha olwabo ulwimi. Abantetho isisiXhosa nabo ngokunjalo bakhetha isiNgesi kunolwabo ulwimi. IsiNgesi sivela siphezulu kungengakuba abantetho isisiNgesi bafuna ukubona isiNgesi ilolona lwimi lusetyenziswayo, kodwa kuba abezinye iilwimi bayayamkela into yokusebenziseka kwesiNgesi.

Naxa abantetho isisiBhulu nabantetho isisiXhosa babonisa ukuzincama iilwimi zabo ukulungiselela iimeko ze kuthethwe ulwimi olunye kodwa kuyafumaniseka ukuba omabini la maqela azimisele ukukukhusela ukusetyenziswa kweelwimi zabo.

Phakathi koninzi lwabasebenzi abantetho zahlukeneyo kubonakele ukuba isiNgesi lulona lwimi olwamkelekileyo lokudibanisa ingakumbi phakathi kwesiXhosa nezinye iilwimi- loo nto ibonakala yamkelekile **ingadanga ibe icwangcisiwe**. Ukwamkeleka kwale meko ngokwezimvo zabantetho isisiBhulu nesiXhosa, akuthethi ukuba isiBhulu nesiXhosa mazidleleleke.

Ihloliwe nendlela yenkqubo yokungafani kusetyenziso nasekuzikhetheleni phakathi kwamasebe. Ngenxa yokuba kwakusetyenziswa iisampulu ezincinci kwaye neempendulo zazihamba ngokohlobo lwabasebenzi nomsebenzi abawenzayo, kunzima ukuphawula umahluko phakathi kwamasebe.

Kusetyenziso nasekukhetheni kwiimeko ezimbalwa apho bekunikwa ingxelo okanye kukhethwa ulwimi olunye, ibingesisio isiNgesi. Le mo ibiphezulu phakathi kwamalungu owiso-mthetho ephondo nangokubhekiselele kwiwebhsayithi, imbalelwano ye-elektroni nolwazi lobuchwepheshe ngokubanzi. Ngokweenjongo zomsebenzi ukuchonga okanye ukukhetha isiNgesi njengolwimi olulodwa lolawulo kunyuke ngaphezulu kwama-25% - 27% abaqeshwa. Uninzi lwabaqeshwa banike ingxelo kwaye bakhetha umgaqo-nkqubo weelwimi ezininzi.

8.3.4 Imizila ebonakalayo kusetyenziso lolwimi

Imizila eqatshelwa ngabasebenzi kukuqina kokusetyenziswa kwesiNgesi, ukukhula okuphakathi kosetyenziso lwesiXhosa nokuhla ngamandla kosetyenziso lwesiBhulu. Ukuqina kokusetyenziswa kwesiNgesi kuphawulwa kwiimeko ezicwangcisiweyo zonxibelelwano njengonxibelelwano olubhaliweyo, nonxibelelwano phakathi kwamacandelo namasebe namathala karhulumente. Iphawuleka kancinci kwindawo yokusebenza nakunxibelelwano nowonke-wonke nakushishino.

8.3.5 Uvavanyo lokulwazi ulwimi

Umahluko omkhulu kusetyenziso lweelwimi ubangelwa kukuba asingabo bonke abaqeshwa abakwaziyo ukuzithetha ezinye iilwimi zabanye. Ukuzazi iilwimi kwavavanywa ngokusekwa kwiimvavanyo zabantu ezaqinisekiswa, zalungiswa, zahlolwa kathathu ngabasebenzi baphandle.

Ukuzazi iilwimi singakubeka ngolu hlobo lulandelayo:

- Ebuncinaneni isibini esithathwini sabantetho isisiBhulu nesiNgesi bangathathwa njengabakwazi ukuthetha kakuhle isisiBhulu nesiNgesi.
- Bamalunga nama-60% abantetho isisiXhosa abakwaziyo ukuthetha isisiNgesi
- Bangaphantsi kwe-2% abantetho isisiNgesi nesiBhulu abasaziyo isisiXhosa
- Bamalunga ne-10% abantetho isisiXhosa abakwaziyo ukuthetha isisiBhulu
- Bambalwa kakhulu abakwaziyo ukuthetha ngezandla

Siphawula kwezi ziphumo ukuba isisiBhulu nesiXhosa ziziwa zodwa ngabantu bazo kwaye ukwaziwa kwesiNgesi luninzi lwabantetho isisiXhosa kuko okuvala isikroba phakathi kwezi lwimi zintathu.

Kucacile ngokoluhlu lokugqibela ukuba onke amasebe ame kakuhle ngokubhekiselele ekwaziweni kwesiBhulu nesiNgesi. Abanye banezikhewu ezibi ngokubhekiselele kulwazi lwesiXhosa. Oku kwenziwa lulwakhiwo lwabasebenzi, kodwa kubonisa isidingo soqeqesho kulwimi.

8.3.6 Inkuthazo yokuphucula ukulwazi ulwimi nomqaphela weendawo zoqeqesho kulwimi

Abaqeshwa abaninzi basamkela isidingo sokuphucula ukuzazi iilwimi, nakwezabo iilwimi ngokunjalo. Bamalunga nama-70% abantetho isisiBhulu nabantetho isisiNgesi abasamkelayo isidingo sokuqeqeshwa kwisiXhosa, lwaze noninzi lwabantetho isisiXhosa lwasamkela isidingo sokuphucula ulwazi lwabo lwesiBhulu.

Eyona ngeebiso iye yabalasela kuzo zonke kukuba mazibe ninzi izifundo zoqeqesho kulwimi, ingakumbi uqeqesho kwisiXhosa (45%). Oku kwalandelwa sisicelo sokuba umoya wobudlelwane ngokubhekiselele kwiilwimi mawuphuculwe.

Abo bantetho isisiXhosa banomdla wokuba basive isiBhulu ngaphezu kokusithetha ngeli xa benomdla wokuthetha isiNgesi ngcono. Mhlawumbi bazibona besiva isiNgesi ngokwaneleyo.

Phakathi kwabantetho isisiBhulu nabo bantetho isisiNgesi isidingo sesokusiva isiXhosa ngaphezu kokusithetha nokusibhala. Mhlawumbi isiXhosa nesiBhulu zibonwa njengeelwimi ekukuhle ukuba uzive kodwa ekungekho sidingo singako sokuzithetha. Lilishwa ke elo kuba loo nto incedisa ukuphucula ulwimi olunye oko kutsho isiNgesi njengolwimi olongamileyo kunxibelelwano.

Sababuza kwakhona abaqeshwa ukuba liliphi na iqela labantu phakathi kwabo njengabaqeshwa abadinga ukuphucula ubuchule babo kulwimi kwaye ngayiphi indlela. Yayingumbuzo ovulelekileyo ovumela iimpendulo ezikhululekileyo. Iimpendulo zazininzi ngoko ke singanika eyona miba ingundoqo yezi mpendulo. Phakathi kwezinye izinto abaqeshwa bacebisa oku:

- uqeqesho malwande esiXhoseni (bangaphezu kwama-20% abantetho isisiBhulu nesiNgesi abatshoyo)
- kufuneka uqeqesho kubuchule bolwimi lwesiNgesi (kutsho ama-21% abantetho isisiXhosa, ne-11% abantetho isisiBhulu)

Ama-30% abantetho isisiBhulu, ama-32% abantetho isisiNgesi ne-17% abantetho isisiXhosa zange basibone isidingo sokuba kwenziwe enye into.

Umntu angayamkela into yokuba ubukho beekhosi zoqeqesho kubuchule bolwimi kuya kufumana inkxaso enkulu kubaqeshwa.

Umqaphela wamathuba oqeqesho kulwimi zange ugqitywe. Kwamanye amasebe, njengeSebe loLawulo lwePhondo neloKhuselo loLuntu ama-40% abaqeshwa bathi akukho nkonz eziqhoy ezinjalo. Bamalunga ne-10-12% kuphela abaqeshwa abathetha kwaloo nto ngala masebe, elezeMali, elezeMfundo noCwangciso, eloRhulumente weKhaya neziNdlu. Akukho mntu ebecinga ukuba iNdlu yowiso-mthetho ayinazo ezi nkonz.

Uqeqesho oluninzi luyaqhubeka, kodwa umqaphela nezinto neendawo zokuqeqesha nezidingo eziye zavela kuvavanyo zithetha ukuba uqeqesho lungandiswa.

8.4 Uwonke-wonke jikelele

Okokuqala, onke amava kawonke-wonke jikelele kuzo zonke ii-ofisi ezahluka-hlukeneyo kunye namacandelo olawulo lwamaphondo kwaphandwa ngawo. Kubuzwe imibuzo eliqela, engekho kuphela malunga nokusetyenziswa kolwimi kodwa nangokwaneliseka ngeenkonz jikelele.

8.4.1 Iimpundulo zikawonke-wonke kwiindawo ezahluka-hlukeneyo zokunika iinkonz

Xa kuthethwa gabalala phakathi kwesibini kwisithathu ngasinye nesithathu kwisine ngasinye sikawonke-wonke esibuziweyo kufunyaniswe ukuba saneliseke kakhulu ngeenkonz ezinikwayo. Ukunganeliseki akufane kudlule kumanqanaba akwi-10% ukuya kwi-15%.

Iingxaki neenkathazo ezifunyenwe ngala maqela mancinci ngeenkonz zingaxulunyanyiswa noxinzelelo lomsebenzi. Ngelinye ixesha oku kubangwa kukulinda amathuba amade nokuma emigceni okuba nesiphumo sokungxama kwaye oko kubonakala njengenkonzo esileleyo.

Uphawu oluqhelekileyo kukubonwa luninzi lwabantu kwabaqeshwa njengabantu abanobubele nabanemvisiswano kakhulu. Iqaqobana elinganelisekanga njengoko sekutshiwo, lwenziwe luxinzelelo lomsebenzi, unqongophalo lwabaqeshwa namalungu kawonke-wonke aneliseka nzima. Nangona kunjalo, uluvo olukhoyo ngokubanzi lolwenkonzo engaphezulu kwinqanaba eliqhelekileyo.

8.4.2 Ulwimi njengomphembeleli wokwaneliseka

Kuyamangalisa ukufumanisa ukuba kwimeko exananazileyo yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi naphantsi kweemeko zoxinzelelo, **umba weengxaki zolwimi awukhawulezanga wakhankanywa kwaye ibe ngabantu abambalwa kakhulu abathethayo ngawo.** Kucacile ukuba kweli nqanaba abantu bayakuthakazelela ukumcingela nokumamkela omnye umntu.

Nangona izithethi zesiBhulu nezesiNgesi zingasoloko zinikwa uncedo ngeelwimi zazo, xa kuthethwa ngokubanzi ziya kwamkela oko ngaphandle kokukhalaza. Kumaxa ambalwa izithethi zezi lwimi zibone ngathi iilwimi zazo azithatyathelwa ngqalelo. Izithethi zesiXhosa zikawonke-wonke zinesizathu sokukhathazeka. Kaloku isiXhosa besilulwimi olwalulelona lungafane lusetyenziswe ngabaqeshwa okanye besilulwimi olungafanelanga kusetyenziswa.. Inyaniso yeyokuba isiNgesi sibonwa njengendlela yonxibelelwano ekhawuleza iyisombulule le meko. Nangona kunjalo, likhona ithuba loqeqesho elincomekayo kulwimi lwesiXhosa, nokuba kufikelelwa kuphela kwinqanaba apho abaqeshwa baba nako ukunxibelelana kwibanga lokuhlanelana.

Xa kuthethwa gabalala zibalwa iiyantlukwano ezifanele ukuqatshelwa phakathi kwamanqanaba ahluka-hlukeneyo amasebe. Phantse kuzo zonke iimeko zeendibano amalungu ezithethi zesiBhulu nesiNgesi zikawonke-wonke bezincedwa mhlawumbi ngolwimi lwazo okanye zona bezikhawuleza zalwamkela ulwimi olukhethelwe ukusetyenziswa ngabaphathi. Phofu isiXhosa bekunqabile ukusetyenziswa kwaso kuba izithethi zolu lwimi bezisuka zisebenzise isiNgesi okanye maxa wambi isiBhulu. Phantsi kwemeko

emaxongo, bekubonakala iliSebe Lezothutho apho besingafane sisetyenziswe isiXhosa kwaye ngenxa yohlobo lweendibano, iinkxalabo malunga nolwimi kwezo ndibano azinakufaniswa ncam neenkxalabo ezifunyenwe nguwonke-wonke jikelele.

Izimbo zesimo sokuziphatha kwiimeko zeendibano ezahluka-hlukeneyo nowonke-wonke jikelele, zingatolikwa ngokubanzi phantsi kweemeko ekubhekiselelwe kuzo ngale ndlela ilandelayo.

8.4.3 Iindlela zokuphendula ngokubanzi nezimo ezilindelekileyo malunga nokusetyenziswa kolwimi phantsi kweemeko zeendibano zikawonke-wonke

Iindlela aphenndula ngazo uwonke-wonke xa kusetyenziswa ulwimi intsonkotho kakhulu:

- Phakathi kwe-10% ukuya kuma-20% ezithethi zolwimi lwasekhaya nazo ziyathanda ukusebenzisa ezinye iilwimi, ngakumbi xa zikwazi ukuzithetha ezinye iilwimi. Izithethi zesiXhosa zikholisa ukwenza njalo kuba baninzi kuzo abathanda ukusebenzisa isiNgesi (22%).
- Kubantu abangakhathazeki ngenene ukusebenzisa ezinye iilwimi (kubhekiswa kwabo bakwaziyo ukuzithetha ezo lwimi), naxa bebenokukhetha olwabo ulwimi, sifumanisa ukuba zilithoba eshumini ngalinye izithethi zesiBhulu nesiNgesi ezingabonisi kukhathazeka xa zingenako ukusebenzisa ulwimi lwazo lwasekhaya phantsi kweemeko zeendibanno zikawonke-wonke. Kanti nakwicala lezithethi zesiXhosa bangaphezulu kwama-75 abantu ekhulwini ngalinye, abangakhathazekiyo kukungathethi ngolwimi lwabo, ngakumbi xa olunye ulwimi isisiNgesi.
- Kanti kwelinye icala loluntu ngokubanzi sifumanise ukuba zili-12% izithethi zesiBhulu nezisiNgesi ezibona kuyingxaki ukungabi nako ukuthetha ngolwimi lwazo ukuze zibe ngama-23% kwezisiXhosa izithethi ezinolo luvo. Ezi zibalo ngokwepesenti zinyuka ngakumbi xa abantu bengakwazi ukuthetha olunye ulwimi.

- Kwaba bantu bakhankanywe mva ngentla, abasisi-6% ukuya kwabali-12% ngabo abagxininisa uluvo lomgaqo-siseko wokusetyenziswa kolwimi lwasekhaya.

Kucacile ke ngoko ukuba uninzi lwabantu kuwo omathathu amaqela olwimi luzimisele ukucingela abanye malunga nokusetyenziswa kolwimi phakathi kukawonke-wonke. Nangona kunjalo, esi sigqibo sibhekiselele kubantu abakwaziyo ukuthetha olunye ulwimi. Xa bengenakusebenzisa ulwimi lwabo, ukukhathazeka nokumelana nemeko ekhoyo kuma ngeenyawo.

Nangona belithoba kwishumi ngalinye abantu bolwimi lwesiBhulu ukuze zibe zibini kuphela kwizithethi ezilishumi zolwimi lwesiNgesi ezingonwabanga ngokuphathwa kweelwimi zabo phantsi komgaqo-nkqubo kawonke-wonke. Kwizithethi zesiXhosa eli nani linyuka liye kutsho kuma-20%, ngamanye amazwi ngabantu aba-2 kwabali-10. Oku kubangwa kukunqongophala kokusetyenziswa kolwimi lwesiXhosa kwiimeko zeeendibano zikawonke-wonke. Uninzi lwamaqela eelwimi abona ukuba iilwimi mazixatyiswe ngokulinganayo kanti aba bantu bakwaxhasa umgaqo-nkqubo wokufundiswa kwezifundo zesikolo ngolwimi lwasekhaya ezikolweni.

8.4.4 Isakhono sokuthetha ulwimi phakathi kukawonke-wonke

Izimbo ezilandelayo zithe zacaca:

- Kukho inqanaba eliphezulu “lokusebenzisa iilwimi ezimbini” emakhaya. Uninzi lwabantu ke luthi lusebenzise nokuba loluphi olunye ulwimi. Isiqingatha esinye kwezithathu sezithethi zesiBhulu nezesiNgesi zithande ukuzixuba rhoqo ezi lwimi zimbini kanti iziqingatha ezibini kwezithathu zezithethi zamaXhosa zixuba isiXhosa nesiNgesi.
- Kubonakala ngathi ukuthambeka okunemida ukusuka kwisiBhulu ukuya kwisiNgesi njengolwimi lwasekhaya kuqale kwakwiminyaka edlulileyo. Akukaqinisekwa ngokuba ingaba lo mkhwa uyaqhuba na okanye hayi.

- Ngokwengxelo efunyaniswe kubantu ababephendula imibuzo bathi bona banesakhono esiphezulu kulwimi lwesibini abalusebenzisayo:
 - Phakathi kwezithethi zesiBhulu ama-80% ayasiqonda isiNgesi, ama-60% anako ukuwuchaza umcimbi ngolu lwimi kanti ngaphezu kwama-50% ayakwazi ukufunda isiqendu-zindaba esibhalwe ngesiNgesi kwiphephandaba.
 - Phakathi kwezithethi zesiNgesi, malunga nama-60% ayasiqonda isiBhulu, ama-50% ayakwazi ukuwuchaza umcimbi ngolu lwimi kanti kwa eli nani ngokwepesenti liyakwazi ukufunda isiqendu-zindaba esibhalwe ngesiBhulu kwiphephandaba.
 - Phakathi kwezithethi zamaXhosa ama-80% ayasiqonda isiNgesi ukuze ibe ngama-20% aqonda isiBhulu. Phantse iziqingatha ezibini kwezithathu ziyakwazi ukufunda isiqendu-zindaba esibhalwe ngesiNgesi kodwa basi-8% abakwaziyo ukwenza oko ngesiBhulu. Ngaphezu kwama-50% bayakwazi ukuwuchaza umcimbi ngesiNgesi kodwa bali-14% kuphela abakwaziyo ukwenza oko ngesiBhulu.
 - Kuthungelwano lonxibelelwano nakwimijikelezo kwezentlalo apho abantu basuka apha baye phaya, kusetyenziswa ulwimi lwesibini kakhulu kwiimeko ezinokuba sisiqingatha esinye kwezithathu ubuncinci. Kumaqela oluntu lwezithethi zamaNgesi ngokwasentlalweni, isiBhulu siqaqambile phantse kuma-60% phantsi kwazo zonke iimeko. “Iilwimi zasendleleni”, o.k.t. iindlela ezahlukileyo zokuthetha iTsotsitaal okanye iFlaaitaal zona zinokuqondwa ngama-20% okanye ngaphezulu kuwo onke amaqela olwimi.
- Ayinto ekhoyo amanqanaba aphezulu emfundo. Kubonakala ngathi ama-70% ezithethi zesiBhulu anako ukuhlanganisela ileta ngokuyibhala, ebhalela evenkileni okanye umqeshi ngolwimi lwawo lwasekhaya. Kanti ngesiNgesi eli nani liphezulu ngama-90% ukuze ngesiXhosa libe ngama-80% nangona kweli nani lamaXhosa inani eli lisenokuba lithande ukugqithiswa.

- Ngenxa yamanqanaba aphezulu okuthethwa kweelwimi ezimbini, uwonke-wonke ngokubanzi akanamfuno yeenkonzo zokutolikelwa okanye ezokuguqulwa kolunye ulwimi. Imfuno yeenkonzo ezilolo hlobo ibe ngaphantsi kwi-10% kwizithethi zesiBhulu nezesiNgesi, kodwa yaphantse yafika kwisiqingatha esinye kwezithathu phakathi kwezithethi zaMaXhosa. Kanti kwakuMaXhosa imfuno ingaba phakathi kokutolikwa nokuguqulwa phakathi kwesiBhulu kunye nesiXhosa/isiNgesi.

Amanqanaba aphezulu okusetyenziswa kweelwimi ezimbini kuthetha ukuba uninzi lukawonke-wonke luyalunga kakuhle phakathi koluntu olusebenzisa iilwimi ezininzi. Imfuno enkulu kakhulu ecaca ngokuphandle apha, kukuphuculwa kobuchule bonxibelelwano lwezithethi zesiBhulu nezesiNgesi kulwimi lwesiXhosa, nokuphuculwa kobuchule bonxibelelwano phakathi kwezithethi zesiXhosa zolwimi lwesiBhulu.

8.5 Ababelana ngamagunya

Amaqela ababelana ngamagunya amele icandelo elinemfundo ephezulu kakhulu (ama-63% aneziqiniseko zemfundo yamaziko aphezulu) nelinabantu abafume kangangoko phakathi kwabemi bePhondo laseNtshona-Koloni xa kuthelekiswa nommi oqhelekileyo ngokwesi simo, kanti uninzi lunentsusa yemfundo yobungcali okanye yokuba ngumphathi, kwaye lonwabela iingeniso zesiqu sakhe umntu ezifumaneka ngenyanga zingaphezulu kwi-R12 500 ngenyanga.

Ngenxa yesi sizathu bonke abo bekubanjwe udliwano-ndlebe nabo bakwazile ukuqonda, ukufunda nokubhala isiNgesi okanye isiBhulu, kanti inkoliso yabo bebenesakhono sonxibelelwano kuzo zombini ezi lwimi. Ligcuntswana kuphela abebethetha isiXhosa (4%).

Elona nani likhulu ngokwepesenti labo kuqhagamshelwana nabo libe lolohlobo loshishino okanye lwaseburhulumenteni, kwaye unxibelelwano nabaphathi, amaxa amaninzi, lube loluthethwa ngomlomo kunolubhaliweyo.

Kucacile ukuba ngokolu phononongo inkoliso yabantu abaphendule imibuzo inobuchule obaneleyo bonxibelelwano mhlawumbi ngesiNgesi okanye ngesiBhulu xa ithetha nabaphathi kumasebe karhulumente, kwaye ngenxa yoko kuxelwe inqanaba eliphezulu lokusebenzisa iilwimi ezimbini (kuzo ezi lwimi zimbini), ulwimi alubonwanga njengombandela wesiphumo esithile kangako.

Enye into ecacileyo kukuba uninzi lwabaphathi kumasebe nakumacandelo kaRhulumente kwiNtshona-Koloni luyakwazi, nalo ukuthetha nabaxumi nangoluphi ulwimi kwezi lwimi - o.k.t. isiNgesi okanye isiBhulu.

Oku akufumanekanga kubantu abambalwa abebephendula imibuzo abazizithethi zesiXhosa. Aba babelana ngamagunya ababonakalanga bexhamla amathuba afanayo nabaya xa bedibaniselene nabaphathi ngokuthi basebenzise ulwimi lwabo lwasekhaya, kwaye, nangona bebukeka beyamkele imeko ukufikelela kumda othile, bayixelile yona into yokuba baziva bekhathazekile kwaye bengafumani mathuba afanelekileyo ngokuqhuba ngale ndlela.

Inqanaba eliphezulu lokwaneliseka elixeliweyo phakathi kwawo onke amaqela abantu ababelana ngamagunya enkonzo kubaphathi abadibene nabo, kudandalazisa inyaniso yokuba akubangakho zingxaki zingako ziqondakeleyo.

Okungakhankanywanga malunga nokusetyenziswa kolwimi kwiimeko zokudibana nabaphathi baseburhulumenteni, kwaye akubangakho nenkxaso, efuniweyo okanye engafunwanga, yimfuno yokuqalisa ngeenkonzo zokuguqula iilwimi nokuzitolika ukwenzela uwonke-wonke.

Kubekho ukungaguquki okuphawulekileyo kwiimpendulo zabo kuqhagamshelwene nabo phantsi kweemeko zendibano. Umntu akanakuba nako ukuchonga ngokuzithemba naliphi isebe elithile okanye imeko yendibano apho amanqanaba okwaneliseka ngenkonzo nangolwimi ebengabalulekanga khona.

Naxa sekuthethiwe oku, mayikhumbuleke into yokuba, nokuba kubhekiswa kweliphi iqela lolwimi abakulo abaphendule imibuzo, iqatshelwe into yokuba kubaluleke kakhulu “ukuba khona komgaqo-nkqubo kuRhulumente WePhondo laseNtshona-Koloni wokuxhasa iilwimi zasekhaya ukuba ziphuhlise ukuze zifikelele okanye zilingane, nezinye iilwimi njengeelwimi zaseburhulumenteni zaseNtshona-Koloni”. Kwanjengakuwonke-wonke jikelele, umntu makangacingi ukuba ukugoba-goba okubonakalisiweyo ngababelana ngamagunya kuthetha ukuba naluphi ulwimi lusenokubekelwa ecaleni okanye lususwe endaweni yalo.

Ngokubanzi, nangokubhekiselele kweli candelo likawonke-wonke, iindibano nonxibelelwano nabaphathi baseburhulumenteni bamaPhondo zinikwe indawo yazo efanelekileyo, kwaye akukho zingxaki zivelileyo zingako.

8.6 Ingxoxo yokuqukumbela neengebiso

8.6.1 Iyalandela

- Ukwanda kokusetyenziswa kwesiNgesi kuxhaswa zezi zinto zilandelayo:
 - inyaniso yokuguqukela kwamasebe karhulumente omkhulu kusetyenziso lwesiNgesi kuqhagamshelwano lwawo lwaseburhulumenteni,
 - inyaniso yokuba isiNgesi sibonakala njengolwimi “lodidi”,
 - ukukhonya kosetyenziso lwesiNgesi kushishino nakwezobugcisa,
 - ukubanamandla kwesiNgesi kwezobugcisa bengcaciso, kunye
 - nokusebenziseka kwesiNgesi njengolwimi olusetyenziswa kuqhagamshelwano phakathi kwabantu abantetha isisiXhosa nabantu abathetha ezinye iilwimi abangakwaziyo ukuthetha isisiXhosa.

- Ngoko ke, nangona iindlela ekusetyenziswa ngazo ilwimi ngokweavareji isabonakalisa ukomelela kwesiBhulu, ukusetyenziswa kwaso kuthothile kwaye kusathotha ngokukhawuleza kuqhagamshelwano oluphambili.
- Ezo ngxaki azibavuselanga umnye abantetha isisiBhulu. Enyanisweni usetyenziso lweelwimi phakathi kwabantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi lubonakalisa ubuntu novelwano oluthile. Usetyenziso lwezo lwimi zimbini lukumgangatho ophezulu kwaye uninzi lwawo womabini la maqela luqhagamshelana lula ngazo. Ngabambalwa kakhulu abaye babe nokuqhankqalazela ukusebenzisa ulwimi olulolwabo. Bekwambalwa abantu abantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi abaye bazive bephatheke kakubi kukusebenzisa naluphi nakwezo lwimi.
- Le meko yoxolo ayisekelezwanga kubantu okanye ekwamkelaneni kuphela. Ikakhulu kungenxa yento yokuba ezi lwimi zimbini ziyaxutywa emakhaya nasekuhlaleni kananjalo abantu abamalunga nezithathu ezimbini bayakwazi ukuzisebenzisa kakuhle ezo lwimi. Loo nto ikwabangelwa lunxibelelwano olwabakho kwakwiinkulungwane ngeenkulungwane ezadlulayo.
- Kodwa loo meko yanelisa kangaka ithanda ukusithelisa ingxaki yokuhleleleka kolwimi lwesithathu lweli phondo, isiXhosa. Ukusetyenziswa kwesiXhosa kunxibelelwano luphantsi kangangokuba ukuthi isiXhosa **lulwimi olungasiwe so** asinto ingamampunge.
- Abantu abantetha isisiXhosa balelona qela lincinane kubasebenzi, kuluntu ekunxityelelwana nalo kunye nababandakanyekayo, kodwa ukuthethwa kwesiXhosa kungaphantsi kakhulu kunoko kubonakaliswa ngumlinganiselo wabantu ngokwamanani. IsiXhosa sibekelwe phaya ecaleni ngenxa yezi zinto zilandelayo:
 - bambalwa kakhulu abantu abantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi abasaziyo, andithethi ke kona ukusibhala;
 - isiXhosa asikaphuhliswa kangangokuba singabanako ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezobugcisa nezenzululwazi,
 - ulwimi lokufundisa ezikolweni nakwiiyunivesiti apho kufunda khona uninzi lwabantu abantetha isisiXhosa sisiNgesi. kwaye

- ngokungafaniyo nabantetha isisiZulu kwaZulu-Natal, abantu abantetha isisiXhosa sele benethuba elide bezimisele ukusebenzisa isiNgesi njengolwimi lokuqhagamshelana noluntu.
- Enyanisweni uninzi lwabantu abanthetha isisiXhosa kwiimeko esiziphandileyo bebekuvuyela ukuthetha isiNgesi ngokufanayo nokuvuyela kwabantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi ukusebenzisa ezo lwimi.
- Usetyenziso lwesiNgesi luzuza lukhulu ekuzimiseleni kwabo bathetha ezinye ezi iilwimi ezimbini ekusebenziseni isiNgesi ‘njengomchancatho’ kuqhagamshelwano ngeelwimi ezininzi.
- Iziphumo zokucalulwa kwesiXhosa kanti nesiBhulu kwelinye icala zenziwe zangavakali noko ngenxa yokuqokelelwa kwabasebenzi abantetho-nye endaweni enye, kanti nakusetyenziso lweenkonzo ngokunjalo. Loo nto yenza ukuba kwazeke ukusebenzisa iilwimi zasemakhaya kwiimeko zoqhagashelwano olungaqingqwanga ngeli xesha lutyeshelwe lona uqhagamshelwano oluqingqiweyo olunika ulwimi isidima salo.
- Loo nto ikwancedwa yinto yokuba, ngempazamo, abantu abanelungelo lokwenza izigqibo ngokubhekiselele kwiilwimi nabakwizikhundla eziphezulu asinto bayise iso kakhulu le nto ilusetyenziso lolwimi – amagosa akholelwa ekubeni ajongane neemfuno ezibonakalayo “okufunwa ziimalike” kunye nokunganyanzelisi nto endaweni yezinyanzeliso zamalungelo eelwimi. Akubizi kakhulu kwaye akunazindleko zingako ukusebenzisa ulwimi olunye kwaye xa isininzi sabantu abathetha ezo lwimi zimbini sisaneliseka kukusebenzisa isiNgesi, isiqhelo sokusebenzisa isiNgesi siya kuqhubeka.

- Kodwa nangona uninzi lwabantetha isisiBhulu okwangoku bengabonakalisi kuphatheka kakubi kukhukulekiswa ngobunonono nangokuthe chu kolwimi labo kuqhagamshelwano noluntu kuba bekwazi ukusisebenzisa kakuhle isiNgesi, (ngaphandle kweedolophu ezisemaphandleni nezincinane) ikhona yona imbinana ezii-20% ukuya kwii-25% zabantu abantetha isisiXhosa abakhathazekileyo ngenxa yokungananzwa kolwimi lwabo nabaziva bephatheke kakubi kukukhonya kwezinye ezi iilwimi.
- Ngenye indlela, ukwanelisa abantu abantetha isisiXhosa kwenzeka kuphela xa abanthetha isisiBhulu beguqukela kwisiNgesi kuqhagamshelwano. Kodwa ke loo nto iya khohlisa – ekugqibeleni yenza kubenzima nangakumbi ukufumanisa isiXhosa impatho enobulungisa njengolwimi. Mntu uthile ongachazwanga ngagama, kodwa unengqiqo, wakha wathi ukuphela kwento eyakwenziwa yiloo nto kukukhokelela kwisiNgesi esikhonyayo esimagama angabizwa kakuhle – intetha noko engenavelwano nangona inobunyani nje.
- Iya phawuleka nento yokuba ezi zinto zenzeka ngeli xesha uninzi lwabantu, kuwo omathathu amaqela athetha ezi lwimi, luzimisele kakhulu ukuthethelela ukulondolozwa kweelwimi, ukulingana kweelwimi nokufundisa ngolwimi lweenkobe. Ngamanye amazwi, kukho iinkqubo esele ziqhutywa ezichaseleyo kwiimfuno zovakalelo nokuzingca ngolwimi lweenkobe kweso sininzi sibandakanyekayo. Loo nto iphantse yafana nokufulathelwa kwezithethe okubangwa ngamandla eemalike angenabantu.

8.6.2 Izinto emazinikwe ingqwalaselo kunye neziphakamiso

- Umthetho welwimi eNtshona Koloni unezinyanzeliso ezininzi kubo bonke abandakanyeka kulawulo nakunxibelelwano lwalo. Oko kukuzama ukuphumeza ummiselo wokulondolozwa nokulinganiswa kweelimi ngawo wonke amaxesha nakulo lonke unxibelelwano. Inkqubo ezinzulu zodliwano-ndlebe zibubonakalise ngokucacileyo ubunzima bokufezekisa olo xanduva. Apho kukho nje imbinana yabantu abantetha ithile ukufezekisa iimfuno zabo kufana nokudlala ngemali nezinto eziluncedo. Kananjalo kunzima ukuzama ukusebenzisa ummiselo othile apho abantu abo baloo ntetha bezimisele ngokwabo ukuhambisana noko.
- Eneneni, umthetho weelwimi awujolisanga kwiinkqubo eziqhutywa ngenkani nezigqibeleleyo koko ujolise kwiinkqubo zobuntu ezizikileyo nezizenzekelayo nalapho ukunyanzelisa kunokuba yinto eyintlekisa. Ngaphandle kwamanyathelo abonakalayo afana namaziko oqeqesho neenkonzozo zoguqulo-lwimi, umthetho kufuneka uzibonakalise ekomelezeni kolwamkelo nothando lweelwimi macala onke. Umthetho ke ngoku kufuneka womeleze umoya othile, kodwa loo moya kufuneka ubekho kuqala – awunakwenziwa.
- Umoya onjalo sele ukhona kutshintshiselwano ngeelwimi oluphakathi kwabandakanyekayo abantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi. Ukwakho nasekuzimiseleni koninzi lwabantetha isisiXhosa ukusebenzisa isiNgesi. **Kodwa loo moya uxhomekeke kwizakhono zokubanako ukusebenzisa ulwimi lwesibini. Apho zithi zisilele khona izakhono ababandakanyekayo baye bazive bexhelekile behluthwe namandla.**
- Ngako oko, into yokuqala efunwa ngumthetho yeyokuba kwandiswe amathuba oqeqesho kananjalo kukhuthazwe ukusetyenziswa kwawo.
- Ukufundwa kolwimi kubantu abakhulileyo abasebenzayo ngumcimbi apha ocothayo nonzima kakhulu kwaye kungaphumelela kuphela xa loo nto inokuba sisinyanzeliso somsebenzi. Kufuneka kubekho inkuthazo enika ithemba. Ukuvuzwa ngemali yinto apha engafanele kudlelwa. Kodwa ke, loo nto asinkuthazo isebenza kakuhle xa kufunwa ukufundwa ulwimi lwesibini nolwimi lwesithathu.

- Eyona nkuthazo inamandla yileyo yokuvuzwa ngokwemvakalelo nokuzazi, ukunikwa eyona ngqwalaselo nokwamkelwa okuphezulu. Abantu baye bazive bezingca kakhulu ngezakhono zabo nokwazi kwabo ulwimi lwesibini xa benethemba lokunconywa ngaloo nto.
- Ukuze kubonakale kubonakaliswe oko kunconywa kuye kufuneka ukuba kubekho abantu **abangumzekelo omhle – abantu abangumzekelo omhle abanempembelelo ebonakalayo**. Into efunekayo, ke ngoko, yeyokuba kubekho abantu abantetha isisiBhulu nabantetha isisiNgesi abasithetha kakuhle isiXhosa kananjalo abo Bantu bafumane ukunconywa ngokusesikweni ngaloo nto, kananjalo kubekho abantetha isisiXhosa abasithetha kakuhle isiBhulu, nabo bafumane ukunconywa ngokufanayo (uninzi lwabo sele lukwazi ukuthetha isiNgesi). Ayikho indlela engcono esebenza kakuhle yokukhuthaza ukufundwa kolwimi ngaphandle kokuba kubekho abantu abangumzekelo omhle njengabo sele bechaziwe.
- Abo bantu bangumzekelo omhle bangaqeshwa ngokusemthethweni beqeshelwa izikhundla eziphambili kwezoqhagamshelwano apha kwii-ofisi zolwaulo nakwicandelo lobudlelwane noluntu, bavele kumaqonga kawonkewonke, bethetha egameni loLawulo lwePhondo.
- Ngokucacileyo olu hlobo lwesenzo kufuneka luphelekwe ngamanyathelo abonakalayo:
 - Ukwandiswa kwamathuba okuqeqeshelwa iilwimi
 - Ukunyuswa kweenotshi zabo baziphumeleleyo izifundo zabo
 - Ukuqeshwa kwabaguquli-lwimi kunye nabaququzeleli beelwimi abaququzelela imicimbi ezinyaswa ngabantu abaninzi abanokuba nobunzima bokuqhagamshelana, kubandakanywa nabantu abasebenzisa ulwimi lwezandla.
- Eli phondo kufuneka licamngce nangeebhasari kunye namabhaso ezikolo akhuthaza ukufundwa kwesiXhosa nesiBhulu kwizikolo ezifanele oko.
- Kufanele kunikwe inkxaso ukusekwa kweziko leyunivesiti elijongene nokuqulunqwa kwesigama sobugcisa sesiXhosa.
- Ngaphandle kwaloo nto kufuneka ubethelelwe nangakumbi umgaqo othi izaziso eziphambili neempawu kufuneka zibhalwe ngazo zontathu iilwimi zeli.

Amanye amacebiso asenokvela nakwiingxoxo ezimalunga nokufunyaniswe lolu phando. Ngeso sizathu isiShwankathelo saBalawuli kuya kufuneka ukuba sibe nokufunyanwa nguye wonke ubani kangako kunokwenzeka.